# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
## *SENIORSERTIFIKAAT-EKSAMEN*

**FEBRUARY / MARCH**
***FEBRUARIE / MAART***

**2005**

# ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE UHLELO OLUPHEZULU

**(Iphepha Lokuqala)**

HG **121-1/1**

isiXHOSA FIRST/PRIMARY LANG HG: Paper 1

**8 pages**

121 1 1 HG

X05

COPYRIGHT RESERVED / *KOPIEREG VOORBEHOU*
APPROVED BY UMALUSI / *GOEDGEKEUR DEUR UMALUSI*

**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHEZULU**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**AMANQAKU: 100**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
- Waphendula onke la macandelo.
- Bhala ngesiXhosa esisulungekileyo.
- Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## ICANDELO A
## UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo

Umjikelo wangephezolo usankenteza ezindlebeni zakhe. Uyakuva ukudanduluka kwabashumayeli bezinika phambi kwakhe kuba bencwase ukunyuselwa. Ukhumbula nendlela esichilwe ngayo isono ngathi akukho namnye osenzayo okanye oya kubuye asenze. Ubonakele encuma olugoso akukhumbula amazwi omfo othe iLizwi leNkosi nguMabonabulawe, wathi iNkosi yiNdlovenomxhaka esiyihlaba siyiphulula. Ukho yena othe eli Lizwi nguMaliwashe, alifunwa nayinkedama yembala engenathemba limbi.

Umvangeli lo likholwa elaziwayo kwezo fama ziphahle loo dolophana yaseNobolo. Akukho bani ungakuxelelayo ukuba ngumfo wasemanini na kuba wayesuka athi umKrestu akanasiduko. Ngale mini wayevela kwaKhabigongqo apho kwakukho umjikelo khona kwasa kuhlaselwa kuloo fama ngengxikela yenkonzo, lathi lisithi futhu ilanga yabe seyifudumele nemiphefumlo yamakholwa.

Ubonakele eyinxiba kwakhona ikhola yakhe emva kokuba ebeyikhululiswe libandezi elimtsho wabila xhopho, abetha-bethana namadolo bubushushu nabubuthongo kuba wayengakhange wabuthi cwe ubuthongo. Kwakamsinyane waphuma wenjenjeya-a. Ephatha kugila izicithi ebetha ngezinqumlayo nje ushiywe lixesha, kufuneka aye kungenisa inkonzo yakusasa kwaXhaphithanga ngezantsi kolo lundi lweeNtaba zeMpofu.

Ukuba bekukho indlela umnqweno wakhe ngowokuba afike kwangethuba kuloo mzi akhe acele amakhosikazi ashicilele loo bhulukhwe yakhe imnyama; yayithande ukuba namanya namadolo kukuhlala ngayo ubusuku bonke emjikelweni. Ibhatyi ibhetele ukushwabana ngaphandle nje kwenqojela eyayitsho ngamaqabaza amnyama apha emagxeni.

Uthene nqwakaqha kuloo mathafa nomfo ekucace kwangesinxibo sakhe ukuba ungumantshingilane. Kuthe qatha engqondweni kamvangeli ingoma eyayithandwa kakhulu ngabantwana ngelo xesha ethi, "Bhalel' ekhaya mantshingilane."

"Mhle neenyawo zakhe!" kukhahlela umantshingilane.

"Yitsho mfondini," utshilo umvangeli ecezela phaya kuye ngathi ucekisa into yokuba akhangeleke ngathi usemsebenzini ngosuku lwangeCawa endaweni yokuba aye enkonzweni. Kambe ubonakele njengomntu obethwa ngumoya umantshingilane lo; koko nanjengokuba wayesithanda kunene eso sinxibo sakhe segabhadina ubesinxiba namhla athe wabhaqisa waya ecaweni. Andisathethi ke xa ahamba ekhangela iindawo ekuphilwa kuzo.

"Mvangeli torho uxolo, akuhanjwa apha..."

Akawagqibanga lawo. Idubulekile impendulo ephuma kumvangeli, "Ungubani wena ukundinqanda ukuba ndingahambi apha? Akwazi ukuba ndinephepha lokuba ndivakalise iLizwi leNkosi kulo lonke ihlabathi? Uba ndinguwe lo uhamba ezingela izagwityi nezakhwatsha ngomhla weNkosi? Uyabona... uza kundicaphukisa... bazi abantu omawubathintele apha!"

Utsho esadula esihla ngethafa akuba ephumele esangweni umvangeli. Emva koko ingqondo yakhe ithathe ibeka ithi ikumjikelo waphezolo ibe ikulo mantshingilane, ibuye iye kwiplani yakhe engafumananga thuba lihle lokuyilungiselela; kodwa seleyifumene eyona nto aza kuthetha ngayo. Uza kuthetha ngezilingo nezikhubekiso endleleni yomKrestu. Uya kutsho kuvokotheke engayanga nokuya eBhayibhileni.

“Inene wandinceda umntu owandinika incwadi, wandikhupha ekuthetheni njengendoda enkulu uNehemiya mhla walila esekuthinjweni wathi "ukuba kuyalunga kukumkani, ukumkani makandinike incwadi ndiyithathe ndiyise kumabamba angaphesheya ukuze andiyeke ndidlule." Kodwa ndimfumene, ndimtsho wema nematha. Uyandazi? Uyazi ukuba umsebenzi weNkosi unelishwa? Ukuba bendisiya etywaleni ngoku lo mfo ngengakhange wandibhudela endixelela ukuba akuhanjwa apha. Ndimbone kwangokutshaya uqolwana ukuba akukho nto ileleyo kuye, yinkamanzi nje. Uzibuka amacala njengoqhimgqoshe, ezidla ngalaa mpahla ayambulelwe ngumLungu wakhe ..."

Ziphale apho iingcinga zikamvangeli ephatha kuthetha aphimisele ephulaphulwe ziinyenzane ezazingathi zithe ntshwe ngengxolo nje zithi makathandazele ibuyambo kuloo ngqatsini yelanga ayeke umantshingilane asebenze umsebenzi awuqeshelweyo, usebenzela abantwana bakhe.

Kuthe xa akwesikabhadakazi kweso sithabazi, sethafa, zambona iinciniba, zawatweza amaphiko zonda ngaye zithe ng’a nemilomo. Yayikho yona into eyayilugcwamevu kangangokude yoyiswe ngumsindo ikhahleleke phantsi ngathi inesathuthwane.

Yeka ke ukuphethuka kukamvangeli. Kuqale ngokuwa phantsi khiqa ityesana awayephethe ngayo amaculo nezinye izinto zakhe, kwalandela ikhola nomsimelelo womsimbithi. Usimbele isinqe ibhatyi ithe naa emva kwakhe, iinyawo zirheca emqolo.

Yeka ke ukusana kwabo ku la mantshingilane. Uye wabona ngokusiphuka kwezicithi nothuli olumbhoxo ukuba ihlile inkawu emthini. Ukhwaze ebonisa nangezandla esithi. "Mvangeli, zinik’ iphepha! Zinik' iphepha kaloku!"

Uphumele phulukutshu ngokotolo elucingweni umvangeli xa kanye inciniba ephambili igileka elucingweni ngesifuba, yaya kuwa ngomqolo yakhabalaza ngathi inesathuthwane lo gama athe tywa ngaphaya kocingo umvangeli ethiwe minxi liphika naziintloni.

(Amathel’endaba: P.M. Mtuze)

1.1.1 Umjikelo wengqungquthela yangezolo wawusankenteza ezindlebeni zikabani? (1)

1.1.2 Ngobani aba asabakhumbulayo ukuba babesebenzela ukunyuselwa, ndlela le babedanduluka beshumayela ngayo? (1)

1.1.3 Esahamba njalo wadibana nabani? (1)

1.1.4 Yintoni le wayehamba kuyo kungavumelekanga? (1)

1.1.5 Wawuyintoni umsebenzi walo mfo uhamba kumhlaba angafunekiyo kuwo? (1)

1.1.6 Ngubani yena lo uphazamise lo mfo engxame kangaka eluhambeni lwakhe, umphazamise njani khona? (2)

1.1.7 Wathini ukuphendula umthanjiswa lo? (2)

1.1.8 Umhambi lo yamnceda ngantoni into yokuphazanyiswa kwakhe ehambisa iLizwi leNkosi? (2)

1.1.9 Udibene nayiphi ingxaki lo mfo emveni kokuxambulisana nomantshingilane? Wuchaze ngokupheleleyo lo mbhodamo. (4)

**[15]**

1.1.10 Athetha ukuthini la mabinzana:

(a) akawagqibanga lawo. (1)
(b) ndinephepha lokuba ndivakalise iLizwi. (1)
(c) ashicilele loo bhulukhwe yakhe. (1)
(d) ukuba namanya. (1)
(e) uthene nqwakaqha. (1)
(f) iindawo ekuphilwa kuzo. (1)
(g) esadula esihla ngethafa. (1)
(h) uya kutsho kuvokotheke. (1)
(i) ndimtsho wema nematha. (1)
(j) akukho nto ileleyo. (1)

**[10]**

1.1.11 Akhona amanye amagama azizithethantonye nala alandelayo, sinike wona.

(a) ibandezi. (1)
(b) icekisa. (1)
(c) ulundi. (1)
(d) ungcwamevu. (1)
(e) uqolwana. (1)

**[5]**

**AMANQAKU ECANDLO A: [30]**

## ICANDELO B
## UMBUZO 2

2.1 Shwankathela esi sicatshulwa silandelayo ngamagama angama – 30.

Inkqubo yobupolisa ayizange imanelise uYese, wagqiba ekubeni acele ukurhoxa kuloo msebenzi. Phakathi kwezinto ezazimthiba kulaa msebenzi singabalula ukusukelwa kwabantu mihla le ngenxa yokuba bengenamapasi, umkhethe okhoyo kwimpatho nemivuzo, ukujongelwa phantsi kwepolisa elimnyama ngoogxa balo abamhlophe nezinye ezazisaziwa nguye kuphela.

Waba lusizi umphathi wabo ngakumbi akuthi akakawufumani kwamsebenzi lowa. Noluntu jikelele lwaba njalo ukukhathazeka kuba umfo wayesebensizana kakuhle nabantu, eligosa loxolo lokwenene, hayi elokutshutshisa abantu.

Kwithekwana elikhawulezileyo lokuthi ndlela ntle kuye zathetha izithethi kwagongqoka iinkaba zibabaza ukulunga kwakhe nokuwuphatha ngentsulungeko kwakhe umsebenzi wobupolisa. Abanye babelikhupha phandle elithi uwuvale kwathi gingci umsantsa ubukho phakathi kwabantu namapolisa, kwaphela ukukholoselana.

Yatsho kamnandi ikwayala yeso sixekwana icula ingoma eyayidumile ngelo xesha ethi "Masenz' amathamsanqa." Nabenkonzo bathetha bashiya abalilibeleyo kuba umfo wayenegalelo elikhulu kwicala lododana, abanye bexela ukuba babeqala ukubona ipolisa liyindodana. Isiganeko sokubanjwa kukaRhangayi ngobusela nokuqhekeza sasiyinto ekubekwe umnwe kuyo kusithiwa yaba sisihelegu esingazanga sabonwa ngaphambili.

Ngexesha lezipho bazivula abantu iintliziyo zabo, umntu ehambisa loo nto anayo, ukuqalela emalini ukuya enkukwini nasempahleni yokunxiba.

Lithe lakuflka ixesha lokuba aphendule, wathetha ambalwa wenjenje unyana kaNyubatyha ezibeke okweziya mini wayeyalwa ngamadoda ukubuya kwakhe endle:

"Mbambi-ntambo nomzi waseMarayisi uphela, ndisuke ndayinkuku isikwe umlomo. Ndinibulela ngento yonke enithe nayithetha nayenza. Koogxa bam abasekulo msebenzi wobupolisa ndinqwenela nje ukuthi iyeza lenu lisebantwini. Nize ningavumi ukuba kungene umoya wezikhova phakathi kwenu nabantu bakowenu, kuba amapolisa zizicaka zabantu kuba umbuso welizwe ngowabantu."

Emva kwaloo mbuliso nezidlo ezimnandi, kwayiwa kulalwa, kwasa uYese ezibeka endleleni eya eRhawutini apho wayesiya kudliwanondlebe lwesithuba somsebenzi khona.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C
## UMBUZO 3

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule ukuphendule imibuzo:

UVelebhayi yinkuntsela yesela elingahlaliyo nasentolongweni. Unomthi kanomyayi awawufumana kwezaa ntlanga awayesebenza nazo emigodini, ngelixa esengumsebenzi eRhawutini. Loo nto ke ubenza ebusuku obu busela bakhe, engabonwa mntu.

Kule gem udibene nelikhulu kunaye, ku la akuQumbu. Elo liphika amafutha enyama yegusha eliyibileyo, liwaxhaphile. Inzima ke nento yabantu abaneminwe emide, kuba umfo usuke afune ukudla yedwa. Inye into abahlupha ngayo, ufika sele belusizana befuna ukuncedwa kwangala maxhoba abo, xa sebefikile abakwantsasana.

Kuthiwa la matutu aseMtata ngamaphuthi ahlath'inye nala akuQumbu kwaye afana nqwa ngezimbo azisebenzisayo xa aqhuba lo msebenzi wawo. Zizinto ezimehlo amdaka ekubonakala ukuba zinequngu. Eyona nto ke ubuhlungu beentliziyo zabantu abupholi kuba asuke angagwetywa kusithiwa izisele zigcwele ngabagwetyelwe amatyala athe vetshe kunawobusela. Elinye libhaqwe lithutha isitha sonke sombona emaGetheni izolo. Elowo nalowo emaseleni uyazizamela.

3.1 Kumhlathi wokuqala kwesi sicatshulwa kukho isibanjalo u "Yinkuntsela" xela ukuba silulupi na udidi, usisebenzise kwesakho isivakalisi.

Chonga esicatshulweni ezi ndidi zezibanjalo:
Isibanayo, isibanjani, isibanjalo sokwaba.
Zisebenzise kwezakho izivakalisi
Gcwangcisa kanje:-

| | udidi lwesibanjalo | isivakalisi |
|---|---|---|
| 3.1.1 | (1) | (1) |
| 3.1.2 | (1) | (1) |
| 3.1.3 | (1) | (1) |
| 3.1.4 | (1) | (1) |

(8)

3.2 Kumhlathi wesithathu wesicatshulwa sifumana izibizo ezine.

3.2.1 isitha > 5
3.2.2 izisele > 3
3.2.3 i(-li-) qungu 7
3.2.4 ubuhlungu > 7

Susa zonke izimaphambili ezikwezi zibizo uze ufakele izimaphambili zamahlelo abhalwe ecaleni kwegama ngalinye ukubonisa ukuba intsingiselo inakho ukujikwa sisimaphambili. Sebenzisa ke kwezakho izivakalisi la magama matsha uwakhileyo.

Cwangcisa ngolu hlobo:-

| Isibizo | Ihlelo | Isivakalisi |
|---|---|---|
| 1 | 5 | |
| 2 | 3 | |
| 3 | 7 | |
| 4 | 7 | |

(8)

3.3 Kwakulo mhlathi wesithathu kukho isaci/iqhalo, sichonge uze usisebenzise kwesakho isivakalisi. (4)

3.4 U 'la' onomgca ngaphantsi okumhlathi wesithathu, ludidi lokuqala lwesalathisi/sikhombisi, msebenzise kudidi lwesibini nolwesithathu lwesalathisi kwezakho izivakalisi kanje:-

Udidi I — Udidi II > isivakalisi
la (2)
Udidi III > isivakalisi

(2)

3.5.1 Sifumana kwanezimelabizo zoquko ezibini kwesi sicatshulwa, zityumbe uzisebenzise kwezakho izivakalisi ngendlela efanelekileyo.
Dwelisa kanje:-

Izimelabizo zoquko – Izivakalisi
a – (2)
b) – (2)

3.5.2 Chonga izifanekisozwi ezibini uze uzisebenzise kwezakho izivakalisi ubonise olwakho ulwazi:

Dwelisa
Izifanekisozwi – izivakalisi
a) – (2)
b) – (2)

3.6.1 Izichazi esizifumana apha kwesi sicatshulwa zithathu, zikumhlathi wesibini nowesithathu. Zichonge unike nezichasi zazo.

Dwelisa kanje:-
Izichazi – Izichasi
a) – (2)
b) – (2)
c) – (2)

3.6.2 Sebenzisa izichasi ezibini zezichazi ozinikileyo kwezakho izivakalisi njengoko uzibhale ku 3.6.1

Dwelisa
Izivakalisi
a)
b)
c) (2)
**[40]**

**Tyhila**

3.7.1 Lungisa iziphene kwezi ziqendwana zilandelayo:

a) umnumzana cala wathetha embambe ngengalo umlandeli emrhuqela ngasebaleni umhlakulo nenkonkxa wawungasekho kuye uthiwe xhwi yilaa ntwana yayagcine izihlangu zakhe zebhola uthozamile wenzakele kufuneka kungene wena uza kuvuma kodwa umacebo sikundixelela ngalowo nxiba qha (10)

3.7.2 Lungisa iziphene zolwimi:-

Umzedlana wenja unesilonda ezimbambeni. Ulumiwe yilaa nja yasemva kwentabana. Kaloku ibhaqwe isiba amantyontyo etshiphu emhlophana. ULizo yena utswebiwe iindlebana ezi ngumisi zadunja. (10)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [60]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**